# Ifikile ! Ingqongqo Yomnqamlezo ! ! (Good Friday).

## Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto

Akungagolide ! Nasilivere !
Koko kungegazi elinqabileyo
Elati mna ndingumntu wolahleko
Landitenga emandleni ka Satana

Camagu ! Camagu ! Ngqongqo Yomnqa
[mlezo
Eyayisiwa e Golgota Indzondzoteka
Ipapasha udaba twase Zulwini
Pakati kwalemiganxanxa yelilizwe.

Hom ! Hom ! Kwi Ngqongqo Yomnqa.
[mlezo
Egazi layo lamfononekayo
Lasuka emhlabeni lati ngqu nga Mazulu
Ukuze nengqola itwale Isitsaba.

Lizakupuma ! Ilanga enkundleni
Izindlu zamagqwira zezimelane
U Gabriel uzakuhlaba ese Zulwini
Kwane Zulu lihlokome umgalagala.

Uzakuvela ange utwel' upahla
Kanti utwele zonk' izib'akab'aka
Ezakutyumza ukufa nenyoka endala
Zotyibilika Ingelosi ezomnyatela.

Hom ! Hom ! Kwi Ngqongqo Yomnqa.
[mlezo
Eyahlaula ezetu izilandu ngegazi
Waqaba kwangalo yon' imigubasi
Ze nabaqalekiswa bapiwe Uyolo.

Ifikile ! Ingqongqo Yomnqamlezo
Ugaga Oluhamba Lugongqoza
Intshaba wazityumza intloko zazo
Wazihlaba ke ! Wenza ixoba ngazo.

Ifikile ! Ingqongqo Yomnqamlezo
Intaka edla kwemide Imiceya
Basop ! Naxa idlula, idlula nezidumbu
Umhlabi ngezihlabo ese Zulwini.

Tyumza ! Nenyoka endala u Satan
Ozandundu zityabuke kukuxoka
Makajub' e Hades sikumeke Isihogo
Kaloku ahleli amangqina e Gazi.

Huntshu ! Kuwe Kufa ubusivuyelela
Usiti necawe zomila uqaqaqa
Nanko ! U Yesu Wazihlaba intshaba
Watyumza nentloko wenz' ixoba ngazo.

Lizakupuma Ilanga enkundleni
Isifuba Lugangato kulo Gabriel
Nesidenge e Dekapolisi sateta
Sati uvuse nobefile e Betani.

Mdibanisi wemiz' eyalanayo
Dibanis' i Afrika ngalo igazi Lako
Uze uyilaule Intsapo yakowetu
Ngayo Ingweletshetshe Yezwi Lako

Amatambo Ako alele ekufeni
Makenze ungqungqo Esangweni . e
[Afrika
Uyinyuke nalo Nduli ye Kalvari
Utwele nezikalo uzisa Kuy' u Yise.

Camagu !